

UNJING.MS MAKHANYA, INQUNUNU NESEKELA-NGQONYELA

IYUNIVESITHI YOMZANTSİ AFRIKA

UKWAMKELA: INKOMFA YOLAWULO LWEMISEBENZI E-AFRIKA

TICKETPRO DOME

NORTH RIDING, JOHANNESBURG

4-6 Juni 2019

- UMLawuli-Nkqubo: uGqir. Somadoda Fikeni
- UNjing. Mathukhu Mogale, INTLOKO yeSebe eliLawulayo leKholeji yezoQoqosho noLawulo IwezeeNzululwazi, e-Unisa, nabanye abahlobo bethu abaphetheyo kulawulo olwandisiweyo
- Isithethi sethu sosuku namhlanje, umhlobo wam othembekileyo uNjing. Tshilidzi Marwala, iSekela-Ngqonyela neNqununu yeYunivesithi yaseJohannesburg kunye, xa ndisongeza ingqwele engenalusizi ye- 4th Industrial Revolution kunye namandla ayo amakhulu ekupuhhliseni i-Afrika.
- Izihlobo/Abahlobo abavela kumaziko afanayo nawethu kwilizwe jikelele kummandla we-SADC kwilizwekazi kunye nakwilizwe jikelele.
- Abaphathi bamashishini

- Abameli boRhulumente
- UGqir. TE Nenzhelele, i-CoD: uLawulo IweMisebenzi e-Unisa
- UGqir. Barnes Sookdeo, iSebe loLawulo IweMisebenzi e-Unisa
- UNkszn. CM Maseko, uSihlalo weNkomfa yoLawulo IweMisebenzi yaseAfrika, iSebe loLawulo IweMisebenzi e-Unisa
- Izithethi zosuku namalungu eephaneli zayo yonke inkqubo yeNkomfa
- UMncedisi wezi nkqubo zakusasa: uMnu. Nico Landman, Festo: iNtloko yokufundisa SADC, kunye namalungu eephaneli zethu
 - uMnu. Martin Sanne – uMlawuli oPhetheyo:CSIR
 - uNkszn. Annemarie van Koller – uMongameli: SAIMC
 - UMnu.Mr Dirk van Dyk – Igosa eliyiNtloko kuLawulo: IFPTI
 - UMnu. Rudeon Snell – UMLawuli: Intelligent Solution – EMEA e- SAP
- Abaxhasi: NRF kunye nezoKhenketho eMzantsi Afrika
- lindwendwe izithethi nabathathi-nxaxheba kwinkomfa
- Abameli abahloniphekileyo becandelo lolawulo lwemisebenzi

Ndinovuyo ukunamkela kule Nkomfa yesibini i *African Operations Management Conference* esingethwe yi-Yunivesithi yoMzantsi Afrika kwakhona. Kwakhona, mandibulele, ndivuyisane neSebe loLawulo IweMisebenzi elithe lenza ukuba lihlanganise le nkqubo encomekayo nengxaliwego ngokubanzi engajolisanga kuphela kububanzi nohlolo loLawulo IweMisebenzi, kodwa nakwinjongo yethu yokukudibanisa



ndawonye abaphandi kunye namagcisa, avela kumaziko emfundo ephakamileyo, kurhulumente kunye nakumashishini ukuze kuhlanganwe kwabelwane ngophuhliso olusebenzayo kwinkalo yolawulo lwemisebenzi.

Ndibe nexesha elihle lokuyiqwalasela le nkqubo kwaye ndivuyiswe gqitha ukuqaphela ukuba abaququzeleli bethu baphumelele ngokuncomekayo ngokwenza oko. Ndifuna ukukholelwa ukuba indlela egqwesileyo enisabele ngayo kubizo lokunika iminikelo bubungqina bokukhula komoya wentsebenziswano kunye nokuxabisa into yokuba siya kufuna ukusombulula iingxaki zelizwe neli lizwekazi njengembumba, sixhasa amandla akhona kunye nokwabelana ulwazi lwethu kunye nobutyebi bethu.

Oku kubaluleke kakhulu kwikamva elizinzileyo. Unyulo Iwamazwekazi kunye nehlabathi ludandalazisa inyaniso engonwabisiyi kunye nento ekhoyo yokuba umlawuli/*umgcini omdala* olawulayo akazamkeli ngokufanelekileyo iimfuno ezibalulekileyo zabantu abakhulayo ehlabathini ezithi, e-Afrika kunye nase-Indiya, intsha kakhulu kwaye baya kulindela izinto ezahlukileyo zehlabathi ekufuneka bahlale kulo kwaye apho baya kube bebaninzi kwixesha elizayo elingekho kude kakhulu.

Ukukhathazeka kukuba abalindi abakhoyo bamandulo ngokuyimfuneko abazamkeli izinto ezikhoyo kunye neemfuno zentlalo zoluntu Iwanamhlanje namaphupha kunye neminqweno yabantu abatsha



abahlukileyo, kwaye ngamanye amaxesha umntu unokukrokrela ukuba umthandi-sizwe/ithandazwe ongasekunene ahlasele oku esikubonayo kwihlabathi lonke, okububungqina bomzamo wokubambelela kumagunya/ kumandla kunye nezakhiwo eziya ngokuqhubekayo ziphelelwa ngumsebenzi wazo-kwixesha elinyanisekileyo.

Kucacile ukuba sikulawulo lweenguqu zolunye uvukelo olunzulu lwala maxesha elungekaze lubonwe. Ngenxa yobume bako, ububanzi kunye nokuqonda, ukuxela kwangaphambili ikamva lethu lehlabathi liqiniseke ngezinto ezimbalwa. Kukule ndawo apho kufuneka sifune indlela yokugqithisa ulwazi namandla ngempumelelo. Lo ngumsebenzi onzima, nawe uya kukuvuma oko.

Ngoko, umxholo wale nkomfa, ***Competitive Operations Management for Driving Automation in Africa forward (Ulawulo lweMisebenzi eKhuphisanayo ekuQhubeleni phambili ukusetyenziswa kweeMatshini e-Afrika)***, ufile ngexesha kunye nangokufanelekileyo, kwaye wakha phezu kokuzibophelela kwethu kwi-Ajenda yoBumbano lwe-Afrika 2063 (-African Union Agenda 2063), ejolise ekusukeleni ukukhula kunye nophuhliso oluzinzileyo kwilizwekazi elibandakanyayo kunye nelidibenisayo. Kwakhona, njeneyunivesithi embono yayo ikukuba yi-Yunivesithi yaseAfrika exonxa ikamva kwiinkonzo zoluntu, sizibophelele kolwethu uphuhliso nakwilizwekazi kwaye, ngenxa yosukelo koko, kwintsebenziswano kwiimbophelelo kunye nakwizivumelwano nabo



bachaphazelekayo abavumelana nale mbono, nokuzibophelela kuzinziso kunye nasekuphumeleleni kwezizukulwana ezizayo.

Ndingabalula okunye kwakhona ukuba, njengeyunivesithi enkulu kwilizwekazi ngokubhekiselele kumanani abafundi nezixhobo kunye nemisebenzi, sime kakuhle ukuba senze igalelo elongezelelwego ekuphuhliseni uLawulo IweMisebenzi. Siyakwazi ukuphuhlisa nokufundisa iikharityhulam kunye nezakhono kuzo zonke izintlu zezakhono kunye nokwabelana ngolwazi lwethu ekuzisebenziseni okufanayo, sithathela ekulawuleni nasekusebenzeni kwethu.

Njengomzekelo wala mandla, ndinganokwabelana nani ngesiseko sethu sesizwe esikhulu esiquka enye yeenkampani ezinkulu zokushicilela kwilizwekazi. Kungenxa yokuba imodeli yethu yezemfundo evulelekileyo ngaphambili kwakunyanzeleka/ yenza kube yimfuneko ukushicilela umthamo omkhulu weencwadi/ wezixhobo zokufunda.

Ngoku sixakekile sakha kabutsha esi sikhungo ngokuhambelana nokungasasetyenziswa kakhulu kokushicilela kunye nokuqhubela phambili ngokufunda ngobuchwepheshe be-intanethi. Sekulixesha noko ngoku, sizama ukuphuhlisa nokusebenzisa isiseko se-ICT enomaleko omninzi noxananazileyo njengoko sifudukela kwimimandla yezemfundo nge-intanethi kwaye njengoko siqinisekisa ukuba imisebenzi yethu yangaphakathi iqhubela phambili ngokusebenza ngobuchule obukhatshwa kukufikeleleka kwiteknoloji.



Yonke le nto ithetha – ukususela kwiinkqubo zethu zokubhalisa eziqhube kayo, ukuya ekufundiseni, ekufundeni, kuphando kunye nokuhlola/ neemvamvanyo (kwaye akungaba akuqhelekanga ukufumana isigidi esineziqingatha zemisebenzi eyabelwe abafundi ngexesha lokungenisa umsebenzi), umsebenzi wethu wokushicilela, uphuhliso lwethu Iweziseko kunye nokugcinwa, iinkqubo zethu zokufumana imali yokuthengwa kwempahla, iinkqubo zethu zoMsebenzi wezeMpilo noKhuseleko, ulawulo nophuhliso lwethu olusemgangathweni kunye nemisebenzi yemihla ngemihla yeyunivesithi (uluhlu alunasiphelo) - kukuba i-Unisa inemimandla yolawulo lwemisebenzi emikhulu enableyo nezintlobo-ntlobo. Mandivume ukuba ngamanye amaxesha ngumsebenzi owoyikisayo kwiimfuno zaho, ukungaphumeleli kunye nokuxananaza, kwaye ngamanye amaxesha uyonwabisa, kubukhulu bawo ngokupheleleyo, ukuncomeka nokuwufezekisa.

Manene namanenekazi, kwiintsuku ezizayo niya kube nizibhokoxa kwimicimbi ebalulekileyo enjenge: i-4 ye-Industrial Revolution (4IR), indima yayo, ukungenisa kunye nokukwazi ukulawula imisebenzi kwilizwekazi lethu (kwaye niya kuqonda, manene namanenekazi ukuba kukho iimbono eziphikisanayo malunga ne-4IR kunye nokufezekiswa kwilizwekazi lethu- endithemba ukuba, kungavela kwingxoxo yethu yephaneli namhlanje); ezifana nophuhliso Iwekharityhulam efanelekileyo esebezisa ngokupheleleyo (iisethi zedatha) ulwazi lonke lwelizwekazi. (kwaye le nto ibuyela kwinqaku endikhe ndalikhankanya



ngeenguqu ezenzekayo kusetyenziswa iirekhodi zamanani okuzalwa nokufa nezinye iimeko ngabantu kwindawo ethile); ezinjengemingeni ezijongene nayo ezamashishini ekusebenziseni iimatshini zokusebenza kwimimandla engenamsebenzi (ukutsho nje umngeni okhawulezayo); neengcebiso kunye nokulungiswa komgaqo-nkqubo oyimfuneko ukunika ukusetyenziswa kweematshini iqonga elomeleleyo apho (launch) lisazisa ngokuzithemba nangolwazi lokuba linenkxaso karhulumente kunye namashishini.

Yongezani koku kumaphepha (iingxelo) athe angeniswa aquka omnye nomnye umcimbi wolawulo lwemisebenzi, kwaye nineziphiwo zokwenza ibe yinkomfa exhabisayo/etyebisayo. Ngokwenene kukho into ebalulekileyo yomntu wonke kwaye ndiziva ndiqinisekile ukuba nonke niya kuyishiya le ndawo/niya hamba kule nkomfa nizuzile/nondlekile ninomdla kwaye, mhlawumbi okubaluleke kakhulu, njengeengcali zokusetyenziswa kweematshini kunye nokuphuhlisa ilizwekazi lethu.

Okuseleyo ukuba ndikutsho kuni kukuningwenelela nonke inkomfa ephumelelayo nenemveliso.

Ndiyabulela.

